# Need an amazing tutor?

www.teachme2.com/matric

Collected and collated by

teachme2

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## 2019

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi-8.**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Ngokuba lelinye lamazwe amahle.√ (1)

1.1.2. Ukuba abemi beli bangade baye kwamanye amazwe ngeenjongo zokukhenketha koko baqwalasele ukwahluka okumangalisayo eli lizwe elinako.√ (1)

1.1.3 YiGarden Route√/nguMntla Koloni√/yiMpumalanga.√
(Nayiphi enye kwezi.) (1)

1.1.4. Ivumela ukuba angasebenzisi mali ininzi.√ (1)

1.1.5 Kungokuba kwilizwe laseMelika uyakwazi ukuthi nge-Visa enye ukhenkethele amazwana ayo amaninzi kanti eyamazwe anjengeThailand i-Visa isebenziseka kwilizwe elinye kuphela.√√ (2)

1.1.6 D√/D yidola√/yidola.√ (1)

1.1.7 Elona thuba lilungileyo abantu abanokukhenketha ngalo kuxa kungeyoholide kuba amaxabiso ayehla.√√ (2)

1.1.8 Eyokuba uzenzela ngokwakhe ukuba avakalelwe ngolo hlobo.√√ (2)

1.1.9 Lolokuba abakhenkethi babenakho ukuhlawula naziphi iindleko ezinxulumene nokhenketho ngezavenge√/lolokuba umkhenkethi angahlawuli imali eninzi ngexesha elinye kwiindleko zokhenketho. √
(Nayiphi kwezi.) (1)

1.1.10 Kukumana ubeka iziqanaqwana zemali ide iphelele √ (1)

1.1.11 Kuba lo mqathango udlelelela abantu abaneminyaka engaphezu kwama-44√√/kuba abantu abaneminyaka engaphezu kwama-44 abanikwa mathuba.√√
(Nayiphi kwezi.) (2)

1.1.12 Kukunikeza ngamandla akho kwinkonzo ethile ungajonganga ntlawulo√√/kukusebenza ungajonganga ntlawulo. √√ (2)

1.1.13 Ithuba lokukhenketha ihlabathi lingunobangela wokufumana amava√√/ukuxhamla kumava kusisiphumo sokukhenketha. √√ (2)

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



1.1.14 (a) (ii) √/Sky Scanner.√

(b) (iv) √/Airbnb.√

(c) (i) √/Google Maps√ (3)

1.1.15 Lungaluncedo kuba isicatshulwa siqulethe ulwazi oluxhobisayo malunga nokhenketho.√√

**OKANYE**

Lungangabiluncedo kuba abanye abakhenkethi abanamdla wakufunda ngazingcombolo zanto.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Yeyokuba abantwana/abantu abavumelekanga ukungena kule ndawo√√/ ukutshaya kuyingozi empilweni yabantwana/yabantu√√/ukutshaya kubulala abantwana/abantu.√√ (2)

1.2.2 Ngokwenza izigarethi zibekwimo yabantu.√√ (2)

1.2.3 Sesokuba makungatshaywa icuba phakathi kwabantwana.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2

### Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Iwebhusayithi inceda abantu, ngakumbi abafikayo endaweni, ukuba bazifumane lula iinkcukacha zamashishini abawafunayo.' | 1. | Iwebhusayithi izisela abantu ulwazi ngamashishini akwezo ndawo bakuzo. |
| 2. | 'Iwebhusayithi iyaliqaqambisa ishishini lakho kuba inika abathengi iinkcukacha ezizeleyo ngalo kwaye zifikelela lula kubo.' | 2. | Iwebhusayithi ilazisa ngokupheleleyo ishishini lakho kubathengi ngendlela elula. |
| 3. | 'Unxibelelwano ngewebhusayithi luhlala luvulekile ngamaxesha onke ukuphendula imibuzo ngeshishini.' | 3. | Abathengi bazifumana ngamaxesha onke iimpendulo zemibuzo abanayo ngeshishini. |
| 4. | 'Iwebhusayithi ikutsalela abathengi abathi beqhagamshelana neshishini babe sebesithathile isigqibo sokulixuma.' | 4. | Iwebhusayithi ikuzisela abathengi abeza sele beneenjongo zokuthenga. |
| 5. | 'Iwebhusayithi yeshishini inceda ukuba abathengi bakuthembe kuba zivela zonke iinkcukacha ezibalulekileyo ngobume beshishini.' | 5. | Ukufumana ulwazi oluphambili ngobume beshishini kudala intembeko kubathengi. |
| 6. | 'Kukuthatha ithutyana elingangeyure ukutshintsha zonke iinkcukacha zeshishini lakho kwiwebhusayithi, xa kuthelekiswa nezinye iindlela zokubhengeza.' | 6. | Kuthatha ixesha elifutshane ukufaka iinkcukacha ezintsha ngeshishini lakho kwiwebhusayithi. |
| 7. | 'Iwebhusayithi ifikelela kuninzi lwabantu ehlabathini jikelele ngentlawulo engephi kunokusebenzisa ezinye iindlela zokubhengeza.' | 7. | Iwebhusayithi yeyona ndlela ibhengeza ishishini lakho ngentlawulo encinci kubantu abaninzi kwihlabathi lonke. |

[Naziphi iingongoma ezisixhenxe kwezi.]

**[83 amagama]** **[60 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha ICANDELO C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 Kusasa.√ (1)

3.2 100% Perfectly balanced.√ (1)

3.3 Kwiivenkile eziphambili zokutya eMzantsi Afrika.√ (1)

3.4 Ntingela emajukujukwini ...√√ (2)

3.5 D√/D inezakhamzimba ozidingayo√/inezakhamzimba ozidingayo.√ (1)

3.6 Kukubonisa ukuba ikuthatha ikubeke kwinqanaba eliphezulu ngokwasempilweni√√/kukubonisa ukuba xa uyityа umelana neemeko zonke zosuku.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

3.7 Umnini-mveliso kuba nguye ofumana inzuzo ngokuthengwa kwayo.√√

**OKANYE**

Umthengi kuba utsho azi banzi ngale mveliso malunga noncedo lwayo nendawo efumaneka kuyo√√/inazo zonke izakha-mzimba.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo exhasayo iya kwamkeleka.) (2)
**[10]**

Need an amazing tutor? www.teachme2.com/matric



**UMBUZO 4**

4.1 Kuphandle√/kusecaleni kwendlu√/bahleli kwiveranda.√ (1)

4.2 Kukuba utatomkhulu ugone umakhulu√√/umjonge ngothando.√√ (2)

4.3 Utatomkhulu uthetha ngenyanga le ibasesibhakabhakeni lakutshona ilanga√ kanti umhakhulu uthetha ngenyanga le iyeyonyaka yenziwa ziiveki.√ (2)

4.4 D√/D Ukothuka√/Ukothuka.√ (1)

4.5 Intsingiselo yolwimi ivakala xa uwuvile umxholo elisetyenziswe kuwo igama√√/ ulwimi lutyebile, igama liyakwazi ukuba neentsingiselo ezahlukileyo.√√ (2)

4.6 Ndiyavumelana kuba umhakhulu uyayicingela into yokuba utatomkhulu uncoma amazinyo kaNomso abe yena utatomkhulu engathethi loo nto.√√

**OKANYE**

Andivumelani kuba umhakhulu akawevanga amagama asetyenzisiweyo.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 5.1.1 Yaqokelelwa imali msinyane zema izindlu zesikolo.√√ (2)

5.1.2 Neethoyilethi.√ (1)

5.1.3 Sisibaluli.√ (1)

5.1.4 Mfana√ kuba wandulelwa sisimelabizo sokwalatha.√ (2)

5.1.5 Ubuncinane ngokobudala√√/ngokuzalwa√√/ngokweminyaka.√√ (2)

5.1.6 'Ngu√Wagaxaza lo' √, yatsho ilali. √ (3)

5.1.7 UNqatha akawafuni√ amatye a√qatywe mhlophe. (2)

5.1.8 Sikwimo elandulayo.√ (1)

5.2 5.2.1 Okuninzi kuguqulwa luthando lobuzali.√√/Uthando lobuzali luguqulwa kokuninzi. √√ (2)

5.2.2 Ingwe sisilo sasendle esitya ezinye.√√ (2)

5.2.3 Kubambene ingwe nengonyama.√√ (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**